Isalathiso: 20210217-1045
Inombolo yefayili: 12/2/11/1
Imibuzo: KuBalawuli beZithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0003/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokunika inkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuphathwa kwamaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiinqununu zezikolo eziziisekondari

Isihloko: Ukusiwa kweencwadana u-*Tips for Success* kubaviwa baka-2021 beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lilungise incwadana u-*Tips for Success* ukulungiselela umviwa ngamnye waseNtshona Koloni weSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ngo-2021 nokubanceda kumalungiselelo eemviwo zabo. Le ncwadana inika iingcebiso ngokufunda, iingcebiso ngeemviwo, iinkcukacha ngeebhasari, inkcazo ngokuqulethwe zizo zonke izifundo, iikhowudi ii-*quick response (QR) codes* zee-*telematics videos* nenye ingcaciso eluncedo.

2. Le ncwadana mayinikwe umviwa ngamnye weBakala 12 kwikota yokuqala ka-2021.

3. Kuza kufakwa iincwadi ezongezelelweyo kwisikolo ngasinye **kutitshala ngamnye weBakala 12**. Ezi ncwadana ziya kusiwa ngamagosa ezithili kuzo zonke izikolo eziphakamileyo kwiKota yokuQala.

4. Ukuba kuthe kanti inani leencwadana ezisiwe esikolweni alichanekanga, kucelwa uqhagamshelane ne-ofisi yesithili sakho. Iincwadana ezingaphezu kwemfuneko mazibuyiselwe kwi-ofisi yesithili.

5. Ukwenzela ukuba ezi ncwadana zibe nesiphumo esinqwenelekayo ekuncediseni abaviwa kumalungiselelo eemviwo zabo, **kucetyiswa ngamandla ukuba ootitshala mabaxoxe ngokuqulethwe yile ncwadana neeklasi zabo zeBakala 12** yaye bakhuthazwe abaviwa ukuba bayifunde.

6. Anokufumaneka apha amaphepha emibuzo neememorandam zokumakisha zeemviwo ze*NSC* ezidlulileyo:
https://wcedonline.westerncape.gov.za/documents/Matric/matric-n/index.html

7. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-02-23